

Imvo

Zabantsundu.

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, MARCH 28, 1888.

[No. 176.

INGUBO

DYER & DYER

BASAND'UKWAMKELA AM A

50 EKASI ze mpahla ezintsha EZIMANANI ALULA KAKULI
Zenzelwe ukunxitywa kweli lase Afrika Esezantsi ngokukodwa.

Kangela ngezantsi Nanzo bo :—

Ihempe Zamadoda ezilushica 1s, 1s 3d, 1s 6d, 1s 9d, 2s.
Ihempe Zamadoda zoboya 2s 6d, 3s, 3s 6d, 4s.
Izihlangu Zamadoda ezomeleleyo 4s 6d, 5s 5s 6d, 6s.
Ibhulukwe Zamadoda zekodi 5s, 6s, 7s, 8s.
Ibhulukwe ze Twidi 3s, 3s 6d, 4s, 4s 6d, 5s.
Ibhatyi ze Twidi 5s, 6s, 7s, 8s.
Isuti ze Twidi 12s, 13s, 13s 6d, 14s, 15s.
Ibhatyi ezinkulu ze Twidi 15s, 16s, 17s, 18s.
Ezokutshata ze tshipu.
I kawusi 6d, 9d, 1s.

Kanize kuzibonela PLEASE impahla yetu ENINZI, IHLELWE
kakuhle ngapambi kwokuba nitenge nokuba kupina.

Olololiwe bakaw Rhulumente-Beli lasema Xoseni

NGE EASTER HOLIDAY-1888

Ititi zokuyalela ezixabiso lilingana ne hambo enye ziyakutshwa ukusuka no
kuya R. B. Zonke izushi ngolwesi Tatu, March 28th, nemihla elandelayo kus
kuqule noMulo, April 2nd 1888 umntu unokubuyelela nangayiphi itreni kude kube
ngumhla wo Mulo, April 30, 1888

Ukuze abahambi balungelwe ololiwe abahambayo bayakwandiswa, njengoko
anga
Zibonelayo nabani kumapepa ashicilelweyo

Kwifosi ezinkulu, East London, March 1888

IKAYA LABANTSUNDU!

DURBAN STREET and MACLEAN SQUARE. NGE EASTER HOLIDAYS

U PAUL XINIWE

azinikwe ngumzi ontsundu ekuxaseni i Kaya lawo.

Njengomqweno wake wokukonza umzi uyazisa ukuba uvule isebe e
Maclean Square, pambi ko Irvine. Ugcina ezona zixaso, nendawo zokulala
zilungileyo. Kwane habile entle ne groom elungileyo. Eyona nto intsba, uvule isebe
elitsha, lokutengela, atengisele wonke umntu omgama into yonke. Wazana nezona
zitara zikulu, nezi tshipu. Kuva zeka ukuba i Qonce yeyona dolopu itshipu ngento
zonke, unokuzi fumana izinto ngawona manani apantsi. Ubako kuzo zonke imarika,
nama fandesi. Yonke lento ngamanani apantsi kunene.

Durban Street, King Williamstown, January, 1888.

BANTSUNDU! BANTSUNDU! BANTSUNDU!!!

K WABATETA isi Xhosa sithi, " Posan amehlo apa." Kwabo bateta isi Bhulu sithi,
" Kyk hier zoo " Kwabo bateta ulwimi lwe Nkosazana, sithi, " Look here,"

KWA FASCOE,
NIYA KUBONA IZIMANGA EZININZI.

Impahla zetu zobusika zifikile. " Iyali zetu " especially ezaba Tshakazi, zihleli zodwa
emhlabeni *Ilokwe zokutshata* esezitungele, nezinkwenziwa kwofunayo Amagabi
izigqubutelo, izihlangu (ezizitende zide), i printi, i kaliko, i linzi, eze hempe, njalo njalo.
Yonke into efunwa ngamanene, nama nenekazi nantsi apa :

Ingubo *zamadoda zokutshata* ezitungwe kade, nezinkwenziwa kwofunayo.—Umsiki
wetu mpuma pesheya e Ngilane Ibhathi, ibhulukwe, ne suti zitshipu ngenyaniso. Ihempe,
i kala amaqhina iminqazi izihlangu. njalo-njalo. Kulapo batengwa kona onzonza.
Yizani kuncivenisa amehlo enu. Ningawalibali amagama etu :
amadoda ati ngu " SIGINGQI " Abafazi bati ngu " SILINDI."
Umtketiso, ngu " FOLOKOCO."

Inkamba yakwa Pascoe ezantsi kwetyalike yama Skots i, apo wofika umbone kona
u Mr. FOLOKOCO ngokwake (saluf).

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores.

PAINTS. OILS AND VARNISHES,

Pots—Kafir Hoes—Red Ochre—Cutlery, &c , &c.,
for Native Trade-

ROUGH GOODS OF ALL KINDS

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

Inqwelo Zokutwala Amalahle

METELE NASE KOMANI.

18th January, 1888.

JOHN J. IRVINE & CO.,

ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele

beza Mankazana,

E - Q O N C E.

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6

Ibhulukwe ze Kodi, 5/- Eze Twidi

ibhulukwe, 4/-

Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6

Eze Twidi i Suti, 16/9

Ikeleko, 2d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3d.

Ityali ezimuyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

PASCOE BROS.

NGE EASTER HOLIDAYS

??? Zetu ezintsundu siyazikumbuzo okokuba iNkumba yetu
yovulwa ngokuhlwa kwelwesi no. 29th March ivulwe ngolwesi Bini,
UBU-ABANTO KUKUTI :-

Imini yokuvulwa
Ulwesi Hlanu (good Friday) Umgqibelo,
Umvulo (Easter Monday)
Maze ningalibali ke

KWA SIGIGQI
Ezantsi kwetyalike yama skotshi

I-FASHONI EZINTSHA,

EZIVELA E YUROPE.

Ezamanekazi i For Capes.
Ezamanekazi i Fur olman- ottes.
I jersey ezintsha ziqilela kwi 3s 6d to 5s
11d.

Ezancapantsi zilukiweyo, zitshipu
kakulti.

Izitofu zelokwo zobusika ezitsha.

Iflanelo ezenziwe ngoboya begusha
Zase Afrika.

Izikafu, netyali.

Into eninzi yezihlangu zamane- nekazi
ezidla i 7s 6d ziyaku- tengiswa nge 5s
11d.

Zonke ezinye impahla zitshipu kanye
kolonga ngemali.

W. O. GARTER &

Co.

MACLEAN SQUARE,

Iveki.

NGENXA ye bolide ze Easter, IMVO iya kuma ngeveki ezayo ngolwesi-Hlanu.

I PALAMENTE kwazisiwe uknba iyaku-hlangana e Kapa ngo 25 May 1888.

UMHLA abakuhlala ngawo esihlalweni o Meja, e Mtata, no Ndabeni, e Kokstad, ukwamkela amagama amalungu okuya kumela elaba Temb olinqka elama Mfengu, nelase Mbo, ngowa 24 April.

KWINCWADI ayibhalele kwipepa laba- mhlope lalapa e Qonce u Mr. Brownlee, uti ubengani kwanga ngu Rulumeni igunya lokuvakalisa ukuba intambo ezibope inkosi ezisebunzimeni zisakunyuyiswa.

U RULUMENI ukupe igaziso soknba kuqala ku 31 March de kube ngo 31 March 1889 imazi yembhabala ingadutyinwa kumablati akwa Bnlumeni akulomandla wage Qonce nowase Monti. Lityala koyidubuleyo.

U DR. JOHNSTON wase Mtata ute ngokudloko kwe hashe wawa lapulusha ngaye isitutyana, wapuka nbatnbo, ubuye wakwela noko wafuzela kwa Mr. Blakeway, apo ebesiya kona kungangela umntwana ofayo.

I XEGO le Jelimeni u William Belzar esapa e Bhalase, lizidubule ngepistoli ebutosheni ngolwesi-Bini lwegqitileyo lafa. Isizatu asaziwa.

UKUBA ufuna ukwahlula umntu oqeqeshelwe ekukanyeni kwimbudlela engaziqondiyi into zokukanya, gcina xa avala ucango. Owaqeqeshwayo uluvula kakuhle, imbudlela iyalugadlela.

IGWANGQA elingu William Wilson lipambi kwenkundla yamatyala e Dayimani, ngo- kugalela umfo ontsundu ongu Frans nge palafini limtshise, u Wilson ute yingozi. Ubeyivusa i " boy " leyo suka yotuka yagila ilampu abeyipete yapalalela pezu kwake ipa. lafina, lalumeke ilangntye watsha, nguye obuye wenza imigudu yokumcima yena eba-leka.

U MR. FRED. HILES wase Dayamani obhala nge 19 March, usitumela lamachapaza alandelayo ngezelo akulo:—" NGO Mgqibelo, ngexesha lesine (4o'clock), kucitike umhlaba egumbini elitile lo mnxuma okutiwa yi Kimberley Mine. Abantu abantsundu abadilikelweyo ba 9, abanye basand' ukupandwa namhlanje bapandwe imipefumlo ingaseko.

" KWIVIKI egqitileyo abafele ecibini eku-tiwa yi Reservoir entsha basi bhozo, ikwa ngumsebenzi webhulanti obangele ukufa kwabo ; bate baya hlamba kanti igqabi lika lonji seliba laula suke beyela.

" IZOLO, nge Cawa, intwana yomlungu ibife. keta ngompu, suke watsha, we loze komnye eqebeni wasele sifa kwalapo."

NJENGOKUBA izakuhlala nje i Palamente u Rulumeni ugqibe kwelokungenisa indawo yoknba kumbiwe noliwe oyakubandakanya lo welase Maxhoseni nowase Cradock.

INDODANA emhlepe engu Isaac A Smith itshone e Monti ibiqubha, kufunwe ixesha elide ingafunyanwa yada yayakufunyanwa ebunzulwini ngu matolosh.

ILAUKAZI lipambi ko Mantyi e Rini ngokubula la usana ebelilufumene. Usana lubonwe ngenqalo ivilele, ekubonakala ukuba malibe lilungwabe luhleli.

ELINYE lamapolisa awatakwa e Dayi- mani libhubhile, seloko lingazanga lapila oko lati ladliswa.

ENYASSA ama Arab asahamba ngekuba ku- ailwa okuzenza amakoboka izizwe ezimnyama- na, kangangokuba ama Afrika abaleke ayekuzifaka emadotveni nase zingcongolweni kanti nalapo abasindile. Basuke abazingeli babo bafake umlilo kwezo zikota. Akungwa- ngamadoda nabafazi nabantwana abaqo- tsekileyo kuleyominganzingo yomlilo.

U MR. J A DE WET Umpatiswa-Bantsundu ubeke wahambele e Somerset East.

NGO-MVULO weveki ozayo kuyakuqalwa ukusetyenzwa ngamaxesha asebusika, nawe marike amaxesha kwangokunjalo.

U BISHOP wase Rini ebese Cradock ngeveki egqitileyo wamkelele e Ramenteni abantu abantsundu aba 22 ngo-Mgqibelo e St. Peter's yama Ngesi. Inkonzo ihanji- sive ngu Rev. W. C. Wallis no Rev. H. Mtobi. Elase Cradock lincoma ukuvuma kwabantsundu imitandazo yalonkonzo. Isi- yalo kakade sibanjiswa ngu Bishop.

MAYELANA nengozi apa ebuhlungu ka Captain Veldtman, ziyakuke ziginye amate noko izihlobo ezininzi zakuva ukuba useleke aqwalale ngentonga ezimbini ahlahle pandle evarandeni, kuba ebesoloko elele ngenulu.

PATULENI KAKAZA : Ewe sayamkela incwadi yako engomhlaba owawuphiwayo. Ingangeniswa epepeni njengesaziso, into emayihlaulelwe kuba iyinto efulungo lako wedwa engelilo lomzi wonke. Ingangeni- swa nge 15/ isisaziso.

U REV. CANON ESPIN, M.A., wase Rini, nsazakuke atyelele kwela Mangesi.

U MR. JUSTICE BUCHANAN wase Kapa usahambele kuyise e Natal.

ISIFO samahashe siyatyikitya e Natal kwindawo ezikufupi nolwandle.

IMBUMBA entsha yama Bhulu iqalwe kwa Mankazana ngase Kobonqaba ngeveki egqitileyo. Awalele.

IKUMKANI, u John, yase Abyssinia, ikupe umteto wokuba ubani ofunyenwe egwada uya kususwa impumlo, yena ofunyenwe etshaya, ehlafuna icuba uya kubulawa.

KUNCONYWA umkuhlane ka Sir John Brand, Umongameli we Free State.

UTE u Dr. Knight-Bruce. i Bishop yase Bloemfontein ikwele ehashini yawa nalo ngase Mafeking, kwelama Betsuana, yaruneka emagxeni, kwabonakala ukuba mayiye kunyanga e Kimberley Hospital.

UNGA umzi ungesilibale ngemali ye Mvo.

NGALEVEKI igqitileyo ku'she indlu yemi- gcobo e Oporto, kwatshabalala abantu aba- mashumi asibhozo.

INKOSAZANA, u Victoria, isahambele e Florence.

I PALAMENTE yase Natal icela ukuba lama Bhulu akwa Zulu abandakanywe e Natala, kwakona ukuba elase Swazini li- nganikelwe e Transvaal, ze elakwa Zulu lihlonjwe e Natal. Ezi zigqibo zitunye- lwe ku Sir Hercules Robinson.

IBUYE yahlukana i Palamente yase Natal engati iyakuhlalanga kwakona ngo July.

NGU Mr. Justice Smith oyakutabata iwonga lokuba yinkulu ye Jaji ngelishesha u Sir Henry De Villiers awelileyo.

EZOCINGO ezivela e Kokstad ziti u Ndabeni ubuya evela ema Mpondweni engenandaba zimmandi. Itemba eke lako lokuba u Sigeau uyakuvisisana kakulu no Rulumente liyancipa kuba kusitiwa uziye- kelele ezandleni zo Mhlangaso nezinye inkosi kakulu. Kuko ipike no Rulumeni ngentlambo efanele ukuhamba kuyo le- ndlela imbiwayo. Ayaxokozela awa Mangesi ngeli tuba.

LOMFO ugweyetele ukuxhonywa e Nyara Amangesi ambiza ngamagama amaninzi kutiwa ngu Gnuka, ngu Genuka, ngu Nuka, kanti bedyuduza besenjenjalo nje bazama ukuti Nchuka.

AMAPOLISA apetwe ngu Sub-Inspector Wilson, e Dohne osand' ukulanda amasela amashumi mabini aweba inkomo ngase Lujilo, kuminyaka emitatu eyadlulayo. Ikwangamapolisa antsundu la enza ezizima- nga.

IKUMKANI entsha yama Jelimeni iti iziva ipitile kanye.

LIQALILE kwakona ukuhla ixabiso loboya pesheya. Sikubona oku kwezocingo.

SICELA uxolo kumawetu elipezulu nge- mposiso esiyifumana ngokuti yalawte sisi- tora sase Komani. Kuti mayelana nokuqala kwenyanga suka amanani okudla ase Dayimani adweliswa pantsi ko Komani, into ebete agilana amawetu ukungena e Komani esiti amaxabiso anyukii. Yonke ke londleko ihla ngenxa yokuposisa kwaba shicileli.

HINA mlesi, uti ipila yintonina IMVO xa ungayitumeliyo imali ?

NGEVEKI yesibini ku April, i Rnluneli, u Sir H. Robinson, usakube ahambele e Dayimani.

KUZA kuvulwa isikolo sama Ngesi e Bhaza (Toise River).

U MRS. WATSON wehotele yase Break- fastvley, kwele Ntonga, ubhubhe ngo 23 March, ube sele kunyaka wa 83.

NGALO Mgqibelo (31 March) iya kuhlala e Burgersdorp i Jaji, ze ngolwesi-Bini (4 April), itete e Colesberg.

NJENGOKO sekwazisiwe, intlanganiso ye Manyano nge Mfundo (N. E. A.), iya kuba se Lovedale ngolwesi-Ne lweveki ezayo. Indawana eluzisi ngalentlanganiso kukuba kude kube lelishesha zingaziwa bani ezona nto kuyakuhlalanga kuxoxwe ngazo.

IQALE ngo Mgqibelo ebusuku imvula kweli letu yana yonke imini nge Sabata, kwahlwa, kwasa ngo-Mvulo ise yinto enye. Ibe nesiqabu emini, yabuya ngolwesi- Bini yabupangora.—Yimvula ebekungali- nywayo ngayo ukuba ibilixesha, sifumana kwi Almanak ye Mvo ukuba yirasi kupela into engalinywayo, nayo ukuze idliwe yi- mphahla ebusika ihlulaza.

UMBONISO wezilimo waba ntsundu e Cala uya kuba ngolwesi-Hlanu lweveki ezayo.

IZIKOLO zangapandle zivalwa ngolwesi-Ne olu. Ngolwesi-Hlanu (30 March) yi " Good Friday."

R. B. M. (Queenstown) : Imali yokupi. nda isaziso yihlafu yexabiso lokuqala. Elokupinda 2/6, elokupinda 1/3.

ZENINGASIKANGELI isaziso esitsha so W. O. Carter & Co.

INGESI elingu Z. B. Jansen e Richmond lifunyenwe pambi kwe Jaji linyetala loku- tshisa indlu yalo, lanikwa iminyaka emi- hlamu. Ngumlilo wesitatu lo kwisitoro salo.

U MR FEAR i Station Master case Ngqura siminxelwe yi treni senzakala ngohlobo lokuba siyekufela e Hospital e Bhayi.

U SERGT, BRINDLY we C. M. R., e Mount Frere ulindiselwe amatyala amakulu ngo- kuba imali ngamaqinga kwase bupoli. seni apo.

E JOHANNESBURG kubhadwe abanye abantu ababini umlungu, ne Lawu—u George White no Korlen—nge-Sabata engapaya.

U MR. J. HEMMING, imantyi yase Rini, no Mr. L. Boyes, eyase Somerset, basahambe- le e England.

LEMVULA ibe nezizigaba apa e Qonce. Inene elingu Mr. W.F. Sissing lite lilinga uku- nganda amanzi kulomfulwa yama Esile, ku- tiwama ngu Gezana, suka kwadilika udonga, lwamngcwaba. Emva kokufunwa ufunyenwe kona. Ube nguminni Posi le ihamba pakati kwe Rini ne Qonce.

U SIR T. UPINGTON ubeke wegxada e Dayi- mani mayelana nemicimbi yababanjwa.

AMANANI abavoti bomandla wase Dikeni nowase Ngqushwa abonisa ukuba ekubeni ngapambi ko Tung'-umlomo abavoti bebe 1023 ngoku ba 706, ngokoke inani Lincipe nga 317 abamnyama ke abo. Pambi ko Tung'-umlomo abavoti abantsundu babe 527, abamblope 496 Ngoku abantsundu ha 220, abamhlope 486 Umzi ontsundu omele lemimandla uyakuhamba ngecebo elinzulu ukuze ilungu lawo u Mr. Innes libuye liyibone i Palamente ngolunvulo Inza kubako. Maube nyifuna kancinane umzi into oyakuyenza njengokuba ongamele ka- ngaka nje amagwaugqa anobnmpi ngakuwo.

Imvo Zabantsundu.

NGOLWESI-TATU, MARCH 28, 1888

Unyulo IXA lokuba elipesheya e Transkei. kwe Nciba linyule amanene ayakulimela e Palamente selisondele. Sekumiswe usuku 24 April, 1888, ubaya kuti abanyuli abanako, bahlangane Emtata nase Kokstad, babeke pambi komzi awo- na madoda bacinga ukuba akufanele ukumela lo mimandla mikulu mi- bini igoselwe ngu MEJA nangu NDABENI entweni zonyulo. Kambe elipetwe e Kokstad, limiselwe ukun- nyula ilungu libe linye ; elonganye- lwe ngu Major ELLIOT nangu Cap- tain BLYTH, liyakunyula ilungu eli- nye nalo, ngomhla lowo. Kuya kuti kodwa, njengokuba ematatu Embo, amanene—Mr. MORRIS, Mr. SIVE- WRIGHT. no Mr. ZEITSMAN, azimisele ukungena elugqatsweni, ngokunxhamela esi sihlalo sinye linemfanelo kuso elo, kumiswe ngu NDABENI usuku abaya kuti ngalo bonke abase ncwadini yabanyuli, kwi zitili nge zitili zelo, baye kuvakalisa eyona ndoda. Kulawo matatu, banga kungatunyelwa yona e Palamente. Kwela Batembu, nela Mamfengu, ngu Colonel GRIFFITH no Mr. CLOETE amadoda azimisele ukungena elugqatsweni, efuna isihlalo esinye elinelungelo kuso elo. Nakona ke kuya kubako umnyadala, ngemini eya kubalulwa ngu MEJA ngolosuku, Iwesi-Bini evekini, 24 April, abaya kuti bonke abavoti bonde nge ofisi abalunge nazo — ukuya kuvakalisa eyona ndoda kula mabini abanga kunda hamba yona ukuya e Palamente.

Ebatenjini nase Mamfengwini, selite elomzi ontsundu makuye u FAKU e Palamente. Wenze nge ngqondo kwelo umzi wakowetu. U Col. GRIFFITH linene eke lapata pakati kwazo zonke intlanga zakowetu. Kwindawo zonke ake wakuzo akuko namnye umntu ontsundu onokuti wake wahlawo yinxwaleko genx' eno FAKU. Abesutu basamilela nanamhla; Abatembu ne Hewu abakayilibali imihla eyayi ngena bunzima nabu- rara empatweni yabo enje ngaleyo awaye ngumpati pakati kwabo u Colonel GRIFFITH. Emamfe- ngwini nakwa Gcaleka akahletywa ngakuba ubengumpati ontliziyo mbini, — oyilento kwabamnyama, kanti uyenye akufika kwabe bala lake. Igama lika Col. GRIFFITH livakala kamndani nase Mampom- dweni. Uyindoda ebonakalisileyo ngexesha elide kunene, ngezenzo, nangentlalo, nangempato pakati kwazo zonke izizwe ezimnyama ezi- koyo apa kwa Rulumeni ukuba ungonokutenjwa siti bamnyama. Ukuba abe ngoti impato ka Sir G. SPRIGG yabantsundu akasayi kuyi- xhasa e Palamente, kungokuba eyi- qondile ukuba ayisoze imenzele okulungileyo ontsundu, napakade. Simtanda apo ke kanye u Colonel GRIFFITH. Akangene kulenhina ka Sir G. SPRIGG izingela abantu abamnyama. Inqhina eti ngelinye ixesha ibahlute umhlaba (njengase Xonxa), ngalimbi ibahlute mipu, ide ipatelele ezintilanti zabamnyama izenze inkomo zamawetu otshinyo- nga. Akananto ayibukayo u FAKU ekutungweni kwezizwe ezintsundu imilomo entweni zomzi ezibusu kuwo; ulichasile icebo lika Sir G. SPRIGG elinxhamele ukuba ityefu ze nkanti zityatyambe pakati kwetu, pofu singazifuni, kuba lonto yintshaba- lalo yomzi ontsundu. Yena ungo- ya kuxhasa u Rulumeni oya kumi- swa ngu Sir THOMAS SCANLEN no Mr. SAUER no Mr INNES—u Rulu- meni ongasakumcalula ontsundu pakati kwabantwana be Nkosazana

amenze ivelisa-zindlebe, nento ema- yipatwe ngokwevelisa-zindlebe ka- nye. engenakulindela lizwi limna- ndi emakosini. O Rulumeni babi- ni ngoku; makungabiko kuposisa pakati komzi. Uko owecala elinga- ngi angalungelwa ontsundu, osoloko esombela ngezabhokwe zemiteto egadalala pezu kwake, ofungileyo ukuba ontsundu makapatwe ngohlo- bo ayakuqonda ukuba omhlope ungu " Baas." Uko nomnye oluti- yileyo ucalulo pakati kwentsapo ye Nkosazana, omi kwelokuba malulu- ngiselwe ngokufanayo usapo lwe Nkosazana, lungati nje olunye lu- menyelwe ipbulu elingapeliyo. U Colonel GRIFFITH ungoyaya kuxhasa lo ke uya kuhamba ngemigaqo elu- ngileyo. Uyakumchasa ofungele ukwenza okulungileyo.

Kunokubuye kubeko isiyata na kumawetu esinokunyula u Mr. CLOETE eko u Colonel GRIFFITH? Asikolwa : asikolwa amaxesha ali- waka! Waziwa ngubanina u Mr. CLOETE e Batenjini nakwela Ma- mfengu Asinguye na ofikizolo neliti ungowe Mbumba yama Bhulu, okolwa ku Rulumeni ka Sir G. SPRIGG, ongakolwayo ngu Rulume- ni ka Sir THOMAS SCANLEN nowo Mr. SAUER. Kuti kwakutiwa kuko nabantsundu kweliqela liti maka- nganyulwa u FAKU kodwa kutatya- tye u Mr. CLOETE siwuve umzimba wetu uhamba. Kuba sibona abe- gazi letu besiya ezimvikweni, nase migibeni, ezigwini ezityielwe bona, pofu bexelelwa. Ngu GRIFFITH kwapela emanilile ngaye mhla ku- votwayo, zeke nelika FAKU niliyeke kuba akalazi Amangesi, enye into lelukurabasa, kanti ke mhla kuvot- wayo kuyanyaniswa Ziqeqesheleni kwelika GRIFFITH ke. Elokugqibe- la kungake kubeko bani unevoti uyakuhlala ekaya lomini, zonke zi- cimbe ku GRIFFITH aze angene enkundleni ngamanani amakulu ayakuqonda nabani ukuba siyanya- nisa xa siti sifuna u Rulumeni olu- ngileyo.

EZE ZITILI NGEZITILL

EMNYAMENI.—Kaupe singcamle nkosi- ndini yepepa! Nantsi into nkosi yam, ndi- nesikalo madodana akowetu anelungelo eline ncala lokuxoxa esintlanganisweni zenu, Wapela umzi! " Yemka nofele," litsho ngezelo i Bhulu. Ngani kule Ko- loni saxesha kwamzuzo ngama hashe e Mbongolo (C.M.R.), kusitiwa asina pasi (Sect. III, Act 22 of 1867), nka ngenyanga kuba singo Fikizolo kule Koloni? Ngati kumzuzo loimiso usixesha, singafiki zolo nakule Koloni. Iyiyipina yona nengeyiyo. Indidi mazime ngokuma, kuba lomiso (merely Native Pass Law), awukete ran laqaba, awutande kunyula mfundisi, nankosi iyahlungana, zigcau zomzi ontsundu; kodwa ukuqa umzi nenkosi zawo. Nganeno kwala manzi e Gqili kuko ubushelenza obuxakileyo bono mpilinga ukumemela ejakeni, (to lodge in custody under the Vagrancy and Squatting Act, 23 1879 Section II and IV). Kuba siyimidungela, ndwayi, matamba, otshafuza, ndiy' esapa (kanti zimvu zama Bhulu elosapa),—luntsundu lodwana kwezi ziqingata naba kwa nento zonomibe nazona? Ke ndabeta imviko zododana lwakowenu mz' ontsu- ndu zelube nokuhlungula intloko zoku- cinga ezintlanganisweni njengesicelo sam. Sesafela etshobeni kwinto ka Jabavu ngokutemba ukuti alingequake sisesesingeni. Ngati kukaninzi umzi umenza isihlenga u Tingo. Masitembe ngoko Teugo upetele u Innes nabanye, (sibucala nomoya asibazi bonke bosixo- lela). Kaniyanek ezingcamangweni, niyicinge ngoku ncuima njengoko sisakunina. Tingo ungabi nanto ku- gxwalwa ngamakaya, lisiko lendoda yakuxakwa ukuti, yenza kuhle ndilunge, wayexakive u mfundisi. Igora le Lawo liti—wakukaba nekumtsha yomfazi xa ulwayo; ngako ke musa ukucenga kuba bona ngaboni. Tina apa sesingodlamini kukuya ezindadeni kukoyika o was iw pas. Kaulese ezo ziqingata zalo mimiso yomibini.

QUEENSTOWN.—Ngolwesi-Tatu olugqi- tileyo 21 March, sibonele umtshato omhle kunene endibendingetanayo ukuba ugqite ndingawukankanyanga kuba ubengom- nye wemitshato eseke kwatiwa yemihle apa e Komani —angade omnye ati ubu- ngapuzulu kweyalapa. Kube kutshata u Jacob Ndlebe ityendyana lase Xonxa (kodwa lihlahla apa), no Miss Emily Mona eyesitatu intombi ka April Mona wakwa Bangindlala. Abapheleki abebemele icala lakulo soka ibingo Messrs Robert Mhliwana, Tom Lujie, no Miss Serrian Marulle. abakulo mntwenyana ngo Misses Margaret Mona, Filita Gazo no Mr. Meyam Nzabe. Sibonele into entle kunee ukupuma komtshakazi eliwaze evete nge Satin Silk emhlope ilokwe le inobuqelegele bentyantambo ezintle betu nesigubungelo sayo —Umyeni ebe- tsho kwezinzulu ezisika imbhilini

Camagu, andingeyicalucaluli imvato ebekuvetwe ugayo nangaba pheleki— ndingagqiba ipepa, ngazinye ibinxityi- we ingubo yase mlungwini. (U Tingo makatete nabelungu aba bagoduke ngoku, impahla yaba sesikwazi ukuyi- nxiba ngoku). Siyekubonela ukubo- tshwa kwe ghina etyalikeni, sapulapula naxa Umfundisi u Rev. J. Goduka eli- bopa eliqhina ngesiyalo namazwi abu- kali, asikumtsho nezinye imini Ku- punyiwe apo kuyiwe kwindlu ebekulu- ngiselwele kuyo "oni-ngoni" bezidlo —isidlo esikulu kunene. Umfana ube gile wawisa ukhakala lwentwekutyeba yenkabi yenkomo—Siyitye yasitya inya-

ina ngobuninzi bayo nezinye izimandi zase Mlungukazi. Ubengomnye wemitshato ezolileyo engamana ingati yonke ibenjato — Sibangwenelela "impilo ne- ntlalo entle" o Mr. no Mrs. Ndlebe.— Ngumbhaleli.

MAIN (QITS) MISSION.—Kute ngalemini (10 March) tina apa kwamiswa itempile ngumfundisi u Rev. D. D. Young, yaha- mbiseka kakuhle ke, siyakolwa ukuba iyakuma.—Kwakona ke ngolwe 18 yadi- bana iramente yalapa e Main, ngokuza kupulapula intshumayelo yokugqibela yomfundisi wetu, kuba esishiya namhla esiya kubona izihlobo zake pesheya ko- lwandle. Inkonzo zentshumayelo zaha- mba ngoluhlobo: kwangena esama Nge- si kuqala inkonzo, eyamva yaba- ntsundu, kwalesesha kwi kulu linessitatu, nakwi Zenzo, sahluka samashumi amabini, isiqendwana se 17, intshumayelo eshushu kakulu ke iku Makorinte, awesibini, isahluko se 13, ezibe mandla nanzi: 5, 6, 7, 11, 12, 13, 14. Ndingasateti nge piyane, yona yayibetwa ngumfundisikazi wetu u Mrs. Young, ibetwa ngolintandayo lizwi lika Tixo ngokusisimanga. Yaba yimini ebalule- kileyo, eyabanga usizi kakulu. Namhlanje ke kuluzi akutandeki kuteta, ngati asisayi kupila; kodwa ke amazwi ana- mhlanje asituzenze kakulu, alemini ka March 20, 1888, ngalemini yaba yintlanga- niso yamaqaba, wateta shushu umfundisi, ebonisa ngentlanga ezingalikalaleliyo lizwi lika Tixo into eziba yiyo, wati eli lizwe lela Batwa, abalamkelanga eli Lizwi ngokugalamkeli kwabo abaseko. Amangqika awalamkelanga amanye akona; awaseko ama Gcaleka awalamkelanga, awaseko ngoku ke, Batembu vakau likuni, nilamkele, ukuze nibe luhlanga yamkelani lizwi lika Tixo: watsho ke umfundisi. Wati umfundisi abadala wabayala kwincwadi ye Zenzo Zabapositile, isahluko xxii. ivesi 17. Ndiiti yanga Inkosi ingamecinadeabuye ukuba iyamvumela Inkosi, singavuya sibuye simbone.—PATULENI KAKAZA.

EZE JAJI.

E KOMANI.

Ngolwesi-Bini, 23 March, 1888.

Kulomzi ele Nkosazana ibe ngu Mr. H. F. Blaine Kuqalwe

NGELOBUSELA.

Umadlonya ngokuba amashumi amabini egusha zika Andrew Develing, ififama. Ulivumile ityala waukwa iminyaka emitatu.

UKUBETA.

U Joni, wase Rodani e Glen Grey ngo- kubeta Umntwedwa ngenduku noku- mgwaza ngesikali. Bahve kwa ntonjane. Ubunqhina boka Sigangalala umntakwa- bo Mntwedwa bobokuba utike wamqu- bula pakati kobusuku ngapande kwesitatu. Imibuzo ye Jaji ivelise uteto yimbi. Umbanjwa ubize inqhina awayete maze lisanyanishwe yimantyi yase Lady Frere, kwafumaneka lingaziswanga, ngoko fi- ngeko, nemantyi leyo ingeko. I Jaji ite u Rulumeni seleke waziswa ngento enje- ngeyokungezi kwemantyi: xa bababa- ndezelayo abantu yimfanelo ukuba babe- ko abo basazekete bete mawulidwe lJaji amatyala. Umbanjwa ute umkonto umniniwo ngu Sigangalala, yingozi ehe besilwa yena enqanda ihlahla. Ufunyenwe engenatyala.

I Jaji yalate kwakona kumatyala anga- lungisilelwanga zimantyi zangapandle anjengawase Tarka, Glen Grey, nelinye lase Cathcart, yati ayisakuwateta namhla. Kugqitye kwelokuba kuananjiswe awase Queenstown.

UKUBELWENGU.

U Petros ngobudlwengu kwi Laukazi elingu Margaret Erasmus. Ubunqhina balentokazi bobokuba akazange wambona lomio ngapambi kwesi sigigaba, kanti oku kwenzeka wambiza ngegama. Unina unqhine mayelana nesikalokwintombi yake awaya wafumana kunjeke. Igqira linike ubunqhina. Ufunyenwe engenatyala.

UKUTWALA.

U Gani, ngokutwala u Constance Barrett intwazana eminyaka i 13. Intombana- zana ite icelwe ngumbanjwa ukuba ba- gcace, ayavuma, kodwa umnyanzele bahamba, bandleluka ngo 9 ngokuhlwa. Balala endle intsku ezintlanu, ubekuti makagoduke akawuma, bade bafunyanwa ngamakwenwe amabini antsendu am- godusa. Umbazana ukutanda umbanjwa eloxesha bebesendle. Uhambe nengubo zake kwane 17s. U James Barrett ute unguinye walentwazana akazanga wam- vumela umbanjwa ukuba emke nom- ntswana wama. Ufunyenwe entyala wanikwa iminyaka 3 ne kati 15.

UKUBELWENGU.

Umolos, ingqeshemba yendoda, ugoku- dlwengula u Nodopi, umfazi, ngase Tunxe. Ubunqhina bobokuba u Nodopi nelinye ngubakazi babesela enkanti, wase etunye we- mntshato yake ukuba aze kuyitengela. Incolisele intyewu aya- honywa bani. Kude kwahlwa belapo besela. Ukumbule eloxa Unodopi ukuba akako yindoda yake, wonda ngendlela. Umbanjwa ulandele, nakuba belite ingubakazi asiyiyo andlela eya kwelake ikaya leyo. Kute kungekude lentokazi iya ngemva yeye ngesikalok, kanti kukuba ibe ise iquka ukutanda kwayo inqeberu. Ufunyenwe entyala wanikwa iminyaka 7 ne kati 36.

UKUGQOBHOZA NOKUBA.

U Jonas, ngokugqobhoza inkanti ka Mr. Pusey, nokuba ibhotile ye sherry, naye brandy, ihempe ezintatu, umnqwazi, ibhulukwe, nbehatyi. Umelwe ngu Mr Sampson. Oku kuhle ebusuku e Tunxe ngo September, 1887. U Mrs. Pusey iwaswe yingxolo, kanti yeyokwapulwa kwezi tshiso, efikile ufumene kuko into ezimkileyo, kungeko mntu; uvale kwakona wabuya wavuswa, wabona Ju telegraph, i groom, esukela abafu ababini. Obe groom ubuqhina bobokuba abafu ayibazi, ibasukele bayishiya, seliranela intonga ukuba rezabo. Abu- bangako bunqhina bumdbanisa nesi senzo u Jonas, wakululwa.

UBUSELA.

U Piet Hart, no Charles Irving, no Barend Free, no Coos Meyer, no Jaafta Ore, Amalawu angama sara, ngobusela begusha ezine zika Edward Field. U Mr. Sampson utandazele u Charles Irving ate uwe kwesi sono ngokusuka alandele umzekelo okohlakeleyo waba balingane bake. U Piet Hart unikwe inyanga 18,

u Charles Irving 9, u Barend Free intwa- na eminyaka ilishumi iya kubetwa ngo swazi imivumbo 10 iyekwe. Litetiwe elababini yasuka yayimbotyane ukutyona lana, ubunqhina obuyintloko bobokuba ngu Jaafta ote makuyiwe kubuwa. U Coos ufunyenwe engena tyala ngobu nqhina buka Hart obesele gwyetiwe, u Jaafta wanikwa inyanga 18.

UBUSELA.

Umrauzeli, ngokuba igusha ezi 46 zika Qwati. Ulivumile ityala, kodwa wati seledile ngu Qwati igusha ezi 26. Umi- kwe iminyaka 3.

UKUGQOBHOZA INDLU.

U Tom Titus, ngokugqobhoza inkanti J. Kelly, e Lady Frere, ulivumile wanikwa 21 inyanga kwakufu- wa ukuba yintaka indala yetolongo.

Ngolwesi-Tatu, 21 March.

Ngapambi kokuba uqale umsebenzi i Jaji iroxise amanaku ebizweni ngama- tyala ase Lady Frere, kuba inewadi ezi- ngawo zibuye zavala.

UKUBETA.

U Jim Tintela, kucelwe ngumtshutshi- si matyala ukuba eli lilindiselwe i Jaji elandelayo. Ubeselonyanga ntandata entolongweni. Kuko ingxakelo ekhula- nganiseni kobunqhina. Ukululwe kwatiwa maza abuye afike nge jaji ela- ndelayo, engafikanga uyakudliwa £25.

UBUBHADA.

U Solani no *Gcagcelo* ngokubeta noku- panga. Ele Nkosazana lite mabakululwe amanghina akako akude ase Maxhoseni, kwaye kungeko temba lokuba oda afike- lele. Bakululwe nelokuti bangabuye bafuneka efunyenwe amanghina.

UBUDLEWENGU.

U Jim Mlunga, umfo apa ombi, ngobu- dlwengu kwintwazana eminyaka esix- nxe. Kwamkelwe ubunqhina bonina nobomntwana ozicengeleze kakuhle inyaniso. Ufunyenwe enetyala. Ite ukumgweba—Eli lityala elibi kunene ukuyivelela umntwana obutataka. Lamatyala afuna ukuqela. Lonto mayipele, ukuba izigwebwe ezincinane azincide luto, ezikulu make zilingwe. Inamandla ijaji etyaleni loluhlobo, ukumxhoma umntu, akukafikwa kwelonqanam kodwa njengo- kuba umbanjwa ese mncinane akasaku- zenza ninzi ikati. Isigwebwe zikati ezi 30, neminyaka 8.

UBUSELA.

U Charlie no *Tiwani* no *Dayimani* ba- ngene kwi ofisi yamapolisa beba e cashbox inemali. U Thos. Halifax ute wayi- tshixa i ofisi wasifihla entsimini isitshixo, ute buya wafika sesiselucangweni, kanti ngomnye wabo ovulileyo. Uqonde nge- mini elandelayo ukuba kuko into emki- leyo, i box yayine £11 nezitampu. Intlobo zemali zifunyenwe kula madoda. Bafu- nyenwe benetyala. U Tiwani ngokwa- mkela impahla ebixweyo esazi, ababini abanye ngobusela, u Charlie unike iminyaka 2 nenyanga 6; u Dayimani inyanga 18; u Tiwani unyaka.

UBUSELA BEGUSHA.

U. Christoffel Enslin, i Bhulu elifanele- kileyo lase Skapp, ngobusela beqela le- gusha zabamelwane bake e Zwaart Kei. Umelwengu Mr. Lardner-Burke. Uba- nqhina bobokuba ubemama ukuzipaula ngolwake de zaku 410. Ufunyenwe enetyala, kodwa i Juri zamcelela inceba. I Jaji ite kungobuhlungu emgwebayo, enje ukufaneleka. Akuko nto imnyanze- le ukuba ebe kuba ubengalambile. Im- nike inyanga 18.

Amanyema amatyala ibe ngawokubamba- na kwabantu elika Webb & Jonas vs. Jonas no Mdingi ngefama kwugyeliwe ondingangele. Isibheni sika Bonani kwisigwebwe semantyi etyaleni no Maku- balo. Sapenulwa isigwebwe semantyi eya- yigwebwe u Makubalo. Niesicelo sika A. W. H. Peacocke sokuba kwalelwe u Edward Johnston angaciti imali etile de kulhulwe ityala lake le £25. Igqibe ngolwesi- Tatu.

EKUXHASWA KWE MFUNDO.

Ngomhla we 18 Feb., yabakwaTshwili, Engcongcolora intlanganis. Isihlalo satatyatwa ngu Rev. P. Masiza wase St. Mark's, (Esidutyini). Umongameli eku- yivuleni kwake intlanganis walata kwa indawo awayeyibeke pambi kwamakosi akowabo kwintlanganis engapambili. Wati zinkosi zohlanga lwentakalo ka- nene njengokuba u Rulumente ezakusi- finweza nje isandla sake soncedo malun- ngananezikolo zetu ezi, kuza kutiwanina, ziza kuyekwa zifena, lonto yoba kukufa kohlanga nje? U Mr. B. Maigas ute: Lento seyike ya- kankanywana, nokuba iseza?—U Monga- meli ute: Seyikankanywe, kanjalo yoda yenzeke sezininzi kangaka ne tishala ezimivuzo yapukileyo.

U Mr. Ngcongolo ute: Lento siyihla- nganiselweyo inkulu kakulu, kodwa owam umngweni singa ngesingapezulu kwelinani sililo endlwin' apa, kuba ke wena mfundisi ubuza into enye uti, ziza- kumana izikolo ezi, akutata eyake u Rulumente. Kuyabonakala ngokumhlophe ukuba savela eLutukela nje safika kulo- mhlaba ka Rulumente waza wasinika umhlaba sahla- sala. asinto singazeke sime, singatsabalala. U Mr. Geingca ute: Ndiyabulela mfo ka Masiza: ndibulela ilizwi elinye lohla- nga, kuba wena uyindoda epambili kuti, kungengakuba uyinkosi kupela, ngetuba lokutundiswa kwako eluhlangeni. Nge- zwi elinye, umzi lo asinto ungake ume nakanye.—U Mr. Mlokoti ute: Ndisekela izwi lika Mr. Ngcongolo, ate umzi awuko. Ke umfundisi lo namhla entetweni yake uti, wena wakowetu seluhleli ukoliwe, nawe ungake qondi, wavela apa nje selukoliwe. Ke siza kumvelela sizakuti- nina ngobawo wetu u Rulumente. Aka- tsho umfundisi ukuti, ndiyitunyise lento, uti, ndibetwa lusizi, ngohlanga lwakowetu.—U Mr. Nloto ute: Mna lento indala kum ndiyiteta ukuti siyaku- ba zinto zentsini kwintlanganis zase mzini, mna nditi nenteto le sevisenza into ezikade, into inye efunekayo, maku- kangelwe iqhinga layo indawo le.—U Mr. Nomnganga ute: Lento inkulu kakulu kuba umfundisi yena uzise uluvo lwake ukuba silukangele ngokwetu, akatsho ukuti nditunyise, uti niyikangela njani- na lendawo.—U Mr. Nomgca ute: Lento itetwayo ibubom betu ayincinane. Lento iyinimba uhlobo lwayo. Umntu one- ngqondo angati ukuyikangela kakuhle afike injalo. Nam nditi masekufunwa

iqhinga lento le kube kupela.—U Mr. Ngcongolo ute: Umzi awuko, lento inkulu, mayike ime intlanganis.—U Mr. Tshangana ute: Ndiyabulela mfundisi kakulu ukuba uti xa unento oyikalayo usazise kwangexesha. Kodwa ke ndino- mbuzo mncinane. Niqonde ntonina ukuba uza kuyitata eyake imali? U Mr. Chairman ute: Sendiyakuti ndi- bekele entloko ukukuxelela kwezinkulu indawo kanjalo: Umtata ne Sidubi zivile ngokutatwa kwemali ngu Rulumente. Niti nakubuzi ati kutenina?—U Mr. Chairman uyakufundisa intlanga ezinge- kazi nto, kuba nina selenikulisile wano- ndla.

U Mr. B. Malgas ute: Elilizwi litetwa ngumfundisi mna lindiilabile kuba lo- mzi wakowetu kade uhamba ungazi apo usingela koma, wada wafika Emulu- ngwini apo wadibana namadoda amakulu asemlungwini abafundisi wayipulapula inteto yawo.

U Mr. Satula ute: Lento iyinyaniso, kodwa umzi awuko, kuba into le inkulu.—U Mr. Maliwa Nliti ute: Uhlobo lwam ndingumtu otabubaza kakulu ukuye- nza into ukuba andiyazi, kodwa namhla ke ndide ndeza kule ntlanganis. Lendawo mna ndayiva kwakudala ngo mfundisi otile owati —fundisani aba- ntwana benu, lemali iya kuhlala ihlale itatytawe. Imbangi yokuba nditanda- buze intlanganis le ukuba andiyazi, ndisuke ndicapukele inqubo yawo.—U Mr. Ngozi ute: Lento inkulu, umfundisi uti nantso into isiza emva kwenu vukani, kusolokokuba ke tina singabantu aba- ngena ndlela.—U Umcini-sihlalo ute: Kuko ilizwi eliti mandiyivelise into endiyicingayo ngayo lento. Ndinoloyiko ke ngati mna iya kubeta ingabi sayi katalela kanye intlanganis le kuba umnzi lwabantu alukatali nazizikula.—U Mr. Geingca ute: Kungokuba singe bantu bagcina zinto. Besinomhlobo wetu apa u Nofeliti obehlala esixelela ngalento esiti—lemali iza kutatwa ngu Rulumente kuba e Palamente kukolise ngentshaba zetu Amabhulu.—Umcini- sihlalo ute: Ke kulengoxo ndiyibeke pambi kwenu zinkosi, ngokumalungana nolwam uluvo kuyo, ndingake ndipale indawana zibe mbalwa, esingapumelela ngazo. Kwindawo yokuqala u Monga- meli, u Captain Blyth, wati inkosi ngazinye mazibe nezikula emihlabeni yazo. Kwindawo yesibini wati indoda ganaye mayitumele umntwana esikuleni. Ngalomfo ke zingema izikula. Kufuneka ezo ndawo zisentyenzisiwe, zibhalwe kanjalo zitunyelwe ku Rulumente.

Udaba lwe Nkosi Kwakona.

Ite yakugqulelwa kolwa Mangesi ulwimi incwadi ka Mr. Brownlee, elone- ne latumela incwadi enendawo ezichaza- yo kwi *Cape Mercury*. Yileyo ncwadi le siyiqulela abalesi be Mvo namhla:—

